Isalathiso: 20201111-9459
Inombolo yefayili: 12/11/5
Imibuzo: KuBaququzeleli boVavanyo beZithili/ kuBacwangcisi ngezeKharityhulam aBakhulu

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweKharityhulam noVavanyo: 0009/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtoko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo kwicandelo leMfundo noQeqesho Jikelele (*General Education and Training*) (*GET*))

Isihloko: Izikhokelo ezingokusetwa, ulawulo nokuphathwa kweemvavanyo eziqhubekela ezikolweni zokugqibela zango-2020 zokuphela konyaka kumaBakala 4–9

1. ISebe leMfundo esiSiseko likazwelonke (iSebe i*WCED*) linike iSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) iSetyhula yoVavanyo kaZwelonke 06 ka-2020, yowe-10 Novemba 2020, apho kunikwe izikhokelo ezingokusetwa, ulawulo, ukumakishwa nokumodareyithwa kweemvavanyo eziqhubekela ezikolweni zokugqibela kumaBakala 4–9.

2. Njengoko kuchaziwe kwiSetyhula yeSebe i*WCED* 0018/2020, yowe-03 Agasti 2020, iimvavanyo eziqhubekela ezikolweni ziya kuthatha indawo yeemviwo zokugqibela kumaBakala 4–9 yaye umlinganiselo wamanqaku (*weighting*) wezi mvavanyo uya kuba negalelo elingu-20% wamanqaku ezifundo okugqibela. Bonke abafundi abakwibakala mababhale uvavanyo olufanayo oluqhubekela esikolweni kwisifundo.

3. ISebe i*DBE* linike izikhokelo ezingokwabiwa kwamanqaku kunye nobude bovavanyo ngokwesifundo ngasinye nakwibakala ngalinye **kwisiHlomelo A** seSetyhula yoVavanyo kaZwelonke 06 ka-2020. Ikhontenti yovavanyo oluqhubekela esikolweni mayisekelwe kumsebenzi owenziwe kwiKota 3 neye-4 yaye kufuneka ifikelele kwikhontenti

engundoqo kunye nezakhono zeziCwangciso zokuFundisa zaqho ngoNyaka (*Annual Teaching Plans*).

4. Olu vavanyo kufuneka lumodareyithwe kwinqanaba lesikolo yintloko yezifundo ngoncedo oluvela kwintloko yesifundo/kutitshala wesifundo oneqhuzu (*subject head/senior subject teacher*), ukuba kuyimfuneko oko.

5. Izikolo kufuneka ziqinisekise ukuba ukumodareyithwa kwangaphambili (*pre-moderation*) kovavanyo lokugqibela kwenziwa phambi kokwenziwa koku kubafundi. Ukumodareyithwa kwangaphambili kufuneka kugxininise kumgangatho wemibuzo yeemvavanyo/kwii-ayithem zovavanyo, kungqinelaniswa lwamanqanaba okuqiqa kwengqondo, ukuchaneka kwezikhokelo zokumakisha, njl.njl. Ootitshala kufuneka banikwe ingxelo ngokuqhubekayo.

6. Iimvavanyo eziqhubekela ezikolweni kufuneka ziqhutywe phantsi kweemeko ezilawulwayo kuthathelwa ingqalelo iiprothokholi ze*COVID-19*.

7. Emva kokuqhutywa kweemvavanyo, ootitshala bebakala kwanesifundo esifanayo kufuneka bathathe isampuli yamaphepha eempendulo ambalwa yaye baxoxe njengeqela ngezikhokelo zokumakisha, ukuqinisekisa ukuba ukumakisha kwenziwa ngokufanayo kwisikolo eso.

8. Ukumodareyithwa kwasemva kweemvavanyo (*post-moderation*) makuqhutywe emva kokumakisha yaye kuya kugxininisa kumgangatho wokucoseleleka, ubulungisa nokuchaneka kokumakishwa kweemvavanyo. Makunikwe ingxelo kootitshala njengenxalenye yophuhliso oluqhubeka rhoqo.

9. Iintloko zezifundo kufuneka ziqinisekise ukuba amanqaku ezifundo afakwa kwikhompyutha ngokuchanekileyo kumaxwebhu eerekhodi ukwenzela ukuba iishedyuli ezingokupasa zabafundi zizaliswe ngokucoselelekileyo. Iiripoti zabafundi mazenziwe kumanqaku okugqibela avunyiweyo yaye mazisayinelwe ukulungiselela iishedyuli ezingokupasa zabafundi.

10. Izikolo ezisebenzisa iiprogram ii-*recording and reporting programmes* zamaBakala 4–9 zeSebe i*WCED* kufuneka zifake ekhompyutheni ulwabiwo lwamanqaku ovavanyo oluqhubekela esikolweni njengoko kuchaziweyo kwitheyibhili yesikhokelo kwisiHlomelo A seSetyhula yoVavanyo kaZwelonke 06 ka-2020. Kucelwa niqaphele ukuba iitotali ezibhaliweyo ze-*Natural Sciences* ne-*Technology* (amaBakala 4-6) neze*Natural Sciences* (zamaBakala 7–9) zezona totali ziphezulu zicetyiswayo (*maximum recommended totals*).

11. Kukhunjuzwa izikolo ngenkqubo yokwenza izicelo zokutshintshwa apha naphaya kweemvavanyo/zeminyinyiva (*accommodations*/*concessions*) njengoko kuchaziweyo kwiNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo 0001/2019, yowe-28 Januwari 2019.

12. Kucelwa iinqununu zezikolo ezifundisa amaBakala 4–9 ukuba zabelane ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane nabo bonke ootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-11-17